ISICELO SOTYUMBO UKUQESHELWA KWAMALUNGU AMAHLANU KWIBHUNGA LOGUNYAZIWE WONXIBELELWANO OZIMELEYO WOMZANTSI AFRIKA (i-ICASA)

Amaziko kunye/okanye abantu bayacelwa ukuba batyumbe abantu ukuba bavale izithuba ezihlanu kwiBhunga le-ICASA, njengoko kumiselwe nguMthetho woGunyaziwe woNxibelelwano woMzantsi Afrika, uMthetho onguNombl. 13 wowama-2000 [njengoko uhlonyelwe nguMthetho-Sihlomelo woSasazo, onguNombl 64 wowama-2002 noMthetho-Sihlomelo woGunyaziwe woNxibelelwano oZimeleyo woMzantsi Afrika, onguNombl 2 wowama-2014]. Kwizithuba ezihlanu, esinye siza kuvalwa ngokukhawuleza zize ezine zivalwe kuTshazimpuzi wowama-2020 xa kuphela ixesha lokusebenza lamalungu eBhunga amane.

I-ICASA yenza imithetho nemigaqo-nkqubo yokulawula usasazo kunye nonxibelelwano ngamaza omoya kumdla wabantu, iqinisekisa ukungakhethi cala kunye nokwahlukana kweembono, ize ibeke iliso okusingqongileyo ize inyanzelise ukuthotyelwa kwemithetho, imiqathango kunye nemigaqo-nkqubo, imamele ize ithathe izigqibo ngeempixano kunye nezikhalazo zeshishini, icwangcise ize ilawule ukwenzeka kwezinto ngamaxesha athile ize ikhusele abathengi ekusebenziseni ushishino ngokungakhethi cala, iinkonzo ezikumgangatho ombi nongalunganga okanye iimveliso ezikumgangatho ophantsi.

Abantu abatyunjelwe kweli Bhunga kufuneka bazibophelele ekubeni bangakhethi cala, bathethe ngokukhululekileyo, babe ngabantu abavulelekileyo nabalungele ukuphendula kwaye kufuneka babe ngabameli bamacandelo ohlukeneyo abantu beRiphabhliki baze babe neziqinisekiso zemfundo ezifanelekileyo, ubungcali kunye namava kule nkalo, phakathi kwezinye ikukusasaza, unxibelelwano ngobuxhakaxhaka kunye nomgaqo-nkqubo weposi okanye imisebenzi, uphuhliso lomgaqo-nkqubo woluntu, ubunjineli bobuxhakaxhaka, umthetho, ubuchwephetshe bolwazi, umxholo nakuyiphi na indlela, ukukhuselwa kwabathengi, imfundo, uqoqosho, imali okanye nabuphi na ubungcali okanye iziqinisekiso zemfundo ezinxulumene koku, babe ngabemi abasisigxina boMzantsi Afrika abahlala kwiRiphabhliki.

Utyumbo olubhaliweyo kufuneka luquke igama elipheleleyo kunye nedilesi yeziko/okanye umntu owenza utyumbo, ukwamkela kotyumbo okusayinwe ngumtyunjwa kunye neCurriculum Vitae yakhe, enezi nkcukacha zilandelayo ubuncinane: • Igama elipheleleyo, inombolo yeSazisi kunye nesini • Idilesi yoqhagamshelwano, inombolo yomnxeba neyefeksi kunye nedilesi ye-imeyili • Amava angaphambili (kucatshulwe imihla kunye namaziko achaphazelekayo) • Iikopi eziqinisekisiweyo zeziqinisekiso zemfundo neyesazisi.

Utyumbo kunye nemibuzo kufuneka ibhekiswe kwiKomiti eJongene neMicimbi yoNxibelelwano (Iye ku: Mnu Thembinkosi Ngoma, uNobhala weKomiti), 3rd Floor, 90 Plein Street, Cape Town 8001 okanye i-imeyilelwe ku-tngoma@parliament.gov.za okanye ifekselwe ku-086 522 5740. Imibuzo yomnxeba ingenziwa ku- 021 403 3733 okanye ku-083 709 8407.

Umhla wokuphelelwa kotyumbo: nguLwesihlanu, umhla wama-27 kweyoMsintsi 2019 nge-16:00. Nceda uqaphele ukuba abatyunjwa baza kujongwa iziqinisekiso zabo zemfundo nokungabi nachaphaza kulwaphulo mthetho. Ukungeniswa kweziphakamiso olufike emva kwexesha aluzukunikwa ngqwalasela.

Sikhutshwe nguMnu. BM Maneli, iLungu lePalamente: uSihlalo weKomiti eJongene nezoNxibelelwano.

Parliament. Making Democracy Work.

www.ayandambanga.co.za ISOLEZWE ISIXHOSA 137631 www.thecandocompany.co.za